URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Nazeem Sheik Ismail**
ICandelo loLawulo loCwangciso noKuphathwa kwamaZiko
Nazeem.sheik-ismail@westerncape.gov.za | 021 467 9367

Inombolo yefayili.: 26/2/1/5/ESM SOP
Isalathiso: 20231115-9809

ISetyhula: 0032/2023
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KuBalawuli beZithili, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela Balawuli, kuBaququzeleli beZithili beZikolo eZikhuselekileyo, kuBasebenzi abazii-*Fieldworkers* beZikolo eZikhuselekileyo, kwiiNqununu nakumaBhunga oLawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Ukugxininiswa kweMigaqo yoKwenziwa koMsebenzi yeCandelo loLawulo loKhuseleko lweMfundo emayilandelwe ngokunxulumene nokuthengwa kweempahla neenkonzo zeZikolo eziKhuselekileyo.*

**Isihloko: IMigaqo yoKwenziwa koMsebenzi yeCandelo loLawulo loKhuseleko lweMfundo emayilandelwe ngokunxulumene nokuthengwa kweempahla neenkonzo zeZikolo eZikhuselkileyo**

1. Le setyhula itshitshisa yaye ithatha indawo yeSetyhula 0023/2022, yomhla we-13 Juni 2022.

2. Injongo yale setyhula kukugxigxinisa ukubaluleka kweMigaqo yoKwenziwa koMsebenzi (*Standard Operational Procedures (SOP*)) yeCandelo loLawulo loKhuseleko lweMfundo (*Education Safety Management (ESM))* emayilandelwe ngokumalunga nokuthengwa kweempahla neenkonzo kwiZikolo eZikhuselekileyo, efakwe apha **njengesiHlomelo A.**

3. I-*SOP* ye-*ESM* engokuthengwa kweempahla neenkonzo kwiZikolo eziKhuselekileyo mayiphunyezwe njengoko imalunga ne-*National Treasury Instruction No.* 2 *of* 2019/2020, efakwe **njengesiHlomelo B**.

4. Makwabelwane ngokuqulethwe kwi-*SOP* ye-*ESM* nawo onke amagosa eSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED)* ezithili zemfundo kubandakanywa namabhunga olawulo neeKomiti zoKhuseleko lweZikolo (*School Safety Committees (SSCs))* nabasebenzi, phambi kokuba kwenziwe nayiphi na inkcitho yezemali ukususela ngowe-01 Januwari 2024.

5. UMququzeleli weZikolo eziKhuselekileyo weSithili makangenise ishedyuli kuNdlunkulu weSebe iWCED eneenkcukacha zeentlanganiso eziya kubanjwa:

5.1 yiNtloko yeCandelo loLawulo noKuphathwa kwamaZiko nomphathi wesekethe wesithili esichaphazelekayo, kwakunye

5.2 neSekela leNgcali yeMfundo eyiNtloko ne-*SSC* nabameli bamabhunga olawulo ezikolo phantsi kwesithili esichaphazelekayo, kunye

5.3 nomphathi wesekethe neenqununu eziphantsi kolawulo lwakhe.

6. Makungeniswe obu bungqina bulandelayo bokuba ligqityiwe inyathelo elichazwe kumhlathi 3:

6.1 iileta ezibiza intlanganiso,

6.2 ii-ajenda zeentlanganiso ezibonisa ngokuthe ngqo ukuba kuxoxwa ngayo i-SOP ye-*EMS* emayilandelwe malunga nokuthengwa kweempahla neenkonzo. ezikwiZikolo eziKhuselekileyo kuya,

6.3 iirejista ezisayiniweyo ezifanelekileyo zokubakho entlanganisweni; kwakunye

6.4 nobungqina bokuba ibisayinwe yiNtloko yeCandelo loLawulo noKuphathwa kwamaZiko echaphazelekayo.

7. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-11-17